URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Anton Fortuin**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
principal@centreforconservation.co.za | 021 762 1622

Inombolo yefayili: 27/R
Isalathiso: 20250124-9

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuqzelelo lwamaZiko: 0001/2025

Iya: KumaGosa eZithili, kwiiNtloko zamaCandelo eZifundo, kwiiNqununu nakumaLungu amabhunga olawulo nakooTitshala

**Isihloko: Kucelwa izikolo ukuba zenze isicelo sokufumana amacwecwe ezikhumbuzo zemveli ii-*blue heritage plaques* ngo-2025**

1. **Ingcaciso ngokubanzi ngeprojekthi yezikolo i-*Blue Plaque Schools Project***

1.1 IProjekthi i-*Blue Plaque Schools Project* yaqaliswa yi-*Centre for Conservation Education (ekubhekiswa kuyo apha ngokuba yi-"Centre")* ne-*Cape Town Heritage Foundation*, engumbutho oyinxalenye ye-*Heritage Association of South Africa* (*HANSA*) ngo-2015. Ukususela ngoko, zizikolo eziyi-65 ezifumene amacwecwe i-*blue heritage plaques* eNtshona Koloni nezikolo ezibini eMpuma Koloni.

1.2 Izikolo ezifumene amacwecwe ngo-2024 yi-*Collegiate Girls' High School*, *Laerskool Merweville, Overberg High School, Springfield Convent School* , *Vera School*, ne-*Wynberg Girls' Junior School.*

1.3 Izikolo ezininzi zinembali ende nemvelaphi elilifa lethu eliqhayiya yokuzisa imfundo kwiindawo zasekuhlaleni zazo. Ezinye zezi zikolo zizikolo ezinendumasi, nezithe ngokugqwesa kwazo zafikelela emehlweni abantu ngeendlela ezahlukeneyo. Nakuba kunjalo, ezinye izikolo ezininzi ziye zahlala zingafumani kuqwalaselwa yaye zisesethinzini ngenxa yembali yokungalingani kweentlanga yexesha elidlulileyo yelizwe lethu. Oku kuyinyaniso ngakumbi kwizikolo zecawa ezininzi ezathi zaphuhla zade zangamaziko agqwesileyo kwiindawo zasekuhlaleni zabahlwempuzekileyo. ISebe leMfundo leNtshona Koloni likholelwa ekubeni zonke izikolo mazinikwe ingqwalaselo ngegalelo lazo ezilenzileyo.

1.4 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* angumqondiso (*symbol*) owaziwayo ngamazwe ngamazwe wezakhiwo kunye neendawo ezibaluleke gqitha kwimbali nakwimvelaphi elilifa lethu kwindawo yasekuhlaleni. Umbutho i-*HASA* uqhube iProjekthi ye-*Blue Plaque* kwithuba leminyaka engama-58 edlulileyo.

1.5 Le projekthi ithetha ukuba izakhiwo zembali nezikolo ezibangela umdla nezinexabiso gqitha zinikwa ingqwalaselo nokuxabiseka ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo eliyi-*blue plaque*. Ukufumana ingcaciso engaphezulu nokubona imifanekiso yamacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plagues* ekuwongwe izikolo ngazo, yiya apha [www.cthf.co.za](http://www.cthf.co.za) okanye [www.heritagesa.org](http://www.heritagesa.org)

1.6 Izikolo bezisoloko zingathathelwa ngqalelo ubukhulu becala yaye zingamelwa ngokwaneleyo malunga nokuba ziwongwe ngamacwecwe ezikhumbuzo azii-*blue plaques*. I-*Centre* ne-*HASA* zinqwenela ukwazisa izikolo ngale projekthi yaye zikhuthaza ezo zikolo zicinga ukuba zikufanele ukuzuza icwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque*, zenze isicelo soko ngokuqwalasela ngocoselelo iindidi ezidweliswe kwingongoma 4.

1.7 Naphi na apho kunokwenzeka, kuye kufunwe inkxaso yamabhunga ezemveli engingqi yaye amanye kuwo aye azibophelela ekuxhaseni ngokunikezela ngecwecwe i-*blue plaque* ezikolo ezikufanelwe kukulifumana kwingingqi yawo zibe zingenako ukulihlawulela icwecwe ngokwazo:

(a) **Kwingingqi yaseKapa:** i-*Cape Town Heritage Foundation* (icwecwe elinye ukuya kwamabini asimahla/ngonyaka)
(b) **Kwingingqi yase-*Paarl*:** i-*Drakenstein Heritage Foundation* (icwecwe elinye elisimahla/ngonyaka)
(c) **Kwingingqi yase-*Stellenbosch*:** i-*Stellenbosch Heritage Foundation* (icwecwe elinye elisimahla/ngonyaka)
(d) **Kwingingqi yase-*Swellendam/Southern Cape*:** i-*Swellendam Heritage Association* (ngokuxhomekeke kwimali ekhoyo)
(e) **EMpuma Koloni (eGqeberha nase-*Kariega*)**: i-*Historical Society of Port Elizabeth* (ngokuxhomekeke kwimali ekhoyo)

1.8 Nakuba amabhunga ezemvelaphi elilifa lethu amininzi engenamali efumanekayo yokunika inkxaso kwi-*blue plaques*, asebenza kwiikomiti zabagwebi.

1.9 Izikolo ezininzi kufuneka zilungiselele ukuzihlawulela ngokwazo amacwecwe ii-*blue plaques* kodwa zikhuthazwa ukuba zithethane nabaxhasi abakwiindawo abahlala kuzo.

1.10 Le projekthi ivuleleke kuzo zonke izikolo eNtshona Koloni nakwezinye iindawo.

## 2. Okuyinzuzo kwizikolo

2.1 Ukufunyanwa kwecwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque* zizikolo kunezi nzuzo zilandelayo:

(a) Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* aziwa kumazwe ngamazwe njengemiqondiso yemo yesakhiwo okanye yeziko elibonisa imvelaphi nenkcubeko elilifa lethu.

(b) Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* anendumasi yaye kuya kukhutshwa inani eliqingqiweyo kunyaka ngamnye, ngokuxhomekeke kwimithombo yezemali efumanekayo nolawulo lweprojekthi.

(c) Amacwecwe ezikhumbuzo ancanyathiselwa ngaphambili kwisakhiwo sesikolo njengophawu lwezembali ii-*blue plaques* olusisigxina ukukhumbula unxibelelwano olukhoyo phakathi kwesikolo nomsebenzi owenziwayo, isiganeko okanye umntu. Amacwecwe esikhumbuzo abekwa kwindawo esemboniselweni kakhulu ukwenzela ukuba abafundi, abazali kunye neendwendwe zibe nako ukuwabona.

(d) Ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque*, isikolo sifumana ukuqatshelwa ngegalelo eliyimbali esilenzileyo kwimfundo kubahlali abayinxalenye yaso nakwimfundo ngokubanzi.

(e) Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* ayintsusa yokuziqhenya koluntu kunye nempumelelo.

(f) Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* ayilwe ngokufanelekileyo yaye enziwa ngezinto (*materials*) ezomelele gqitha.

(g) Izikolo ezifumana amacwecwe ezikhumbuzo ii-*blue plaques* ziya kudweliswa kumaziko ewebhu e-*HASA* nakumaziko ewebhu amabhunga ezemveli engingqi.

2.2 Ukuwonga ngamacwecwe ezikhumbuzo zemveli ii-*blue heritage plaques* akuthethi ukuthi iziko/isakhiwo siba liziko eliyimvelaphi elilifa elibhengezwe ngokusemthethweni. Icwecwe lesikhumbuzo nalo aliniki khuseleko ngokomthetho njengoko linganikezelwanga phantsi kwawo nawuphi na umthetho waseMzantsi Afrika. Oku kuyindlela yoluntu nje yokuthathela ingqalelo ixabiso lemvelaphi elilifa. NgokoMthetho i-*National Heritage Resources Act*, 1999 (*Act* 25 *of* 1999), ngurhulumente kuphela onako ukubhengeza indawo eyimvelaphi elilifa esemthethweni nekhuselekileyo, esebenzisa i-Arhente i-*South African Heritage Resources Agency* namasekela ayo.

2.3 Inkqubo yokwenza isicelo yasoloko iyinto elula gqitha ukwenzela ukuba izikolo zingachithi xesha ngokungeyomfuneko, ngokwenza iziphakamiso ezide nezineenkcukacha ezininzi.

## 3. Indlela esebenza ngayo iprojekthi i-*Blue Plaque Schools Project*

3.1 Izikolo ezinembono yokuba ziyazifezekisa ezi khrayitheriya zikwingongoma 4 ziyacelwa zenze isicelo.

3.2 Isicelo ngasinye siya kuqwalaselwa ngokwemeko yaso yiphaneli yabagwebi emele i-*HASA* kunye namabhunga ayinxalenye yenkxaso yezemveli awahlukahlukeneyo ne-*Centre*. Izikolo kufuneka zifezekise **ibenye kwiikhrayitheriya ezintandathu** ezidweliswe kwingongoma 4. Izikolo mazinike izizathu ezivokothekileyo zesicelo sazo, (zidwelise oovimba/amaxwebhu ezinawo ukwenzela ukuba ingqinisiswe ingcaciso); zizibhengeze njengezikuvumayo ukubonisa icwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque* kumphambili wesakhiwo sazo yaye zingenise izicelo zazo ungadlulanga umhla osikiweyo. Apha kuqhotyoshelwe ifom yokwenza isicelo isiHlomelo A (ifumaneka ngesiNgesi kuphela). **Ziyakhunjuzwa izikolo ukuba ukufaka isicelo akukuniki ngqiniseko yakuphumelela kwesicelo ngokuzenzekelayo.**

3.3 Izikolo ziya kwaziswa nge-imeyili nangefoni ukuba ngaba zilinikiwe na okanye hayi icwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque*. Oku kuxhomekeke ngokupheleleyo kwingqiqo yekomiti yabagwebi.

3.4 Izikolo ziya kunikwa ithuba lokucebisa ngamagama amakabhalwe kumacwecwe ezikhumbuzo zazo ze-*blue plaques*, yaye abagwebi baya kwenza zonke iinzame zokuvumela oku. Nangona kunjalo, ukuchaneka kwembali, ii-*motto* zesiLatini, ukuchaneka kwegrama kunye nokusetyenziswa kolwimi kuya kuqwalaselwa ngononophelo ukwenzela ukuba kubekho umgangatho ofanayo.

3.5 Izikolo ezifumana amacwecwe ii-*blue plaques* zimele **ukwazisa abafundi, abazali amabhunga olawulo nabahlali besikolo** ngoku kuqatshelwa kwegalelo lazo. Abafundi ngokukodwa, bamele ukuyazi intsingiselo nexabiso leli cwecwe.

3.6 Izikolo ezifumana amacwecwe esikhumbuzo ii-*blue plaques* kufuneka zona **ziququzelele umsitho osesikweni wokunikezelwa nokutyhilwa kwamacwecwe esikhumbuzo** ngomhla nangexesha elifanele isikolo nabaququzeleli bomsitho lowo. Ukuba kunokwenzeka, oku makwenziwe **kwakulo nyaka wekhalenda ufanayo nalowo wokuwongwa kwaso yaye kukhethwa ukuba abafundi bathathe inxaxheba.** Ummeli osuka kwi-*HASA*, kwibhunga lemvelaphi elilifa lethu lengingqi okanye kwi-*Centre*, uya kubakho ukuba umenyiwe. Icwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque* limele ukuncanyathiselwa eludongeni kwiintsuku ezimbalwa phambi komsitho.

3.7 Iindleko zecwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque*, kungabandakanywanga ukufakwa kwalo, zinokwahluka yaye zinokuxabisa phakathi kwe-R2000.00 ne-R4000.00 ngokuxhomekeke ekubeni ngowuphi na umthengisi osetyenziswayo libhunga lezemveli, imathiriyeli esetyenziswayo, ubungakanani becwecwe lesikhumbuzo nokufumaneka kweemathiriyeli. Izikolo ezinezicelo ezibe yimpumelelo, ziya kuzihlawulela iindleko zona ngokwazo zize zinikwe i-invoyisi yeendleko ezingu-100% phambi kokuba ku-odolwe icwecwe lesikhumbuzo.

3.8 Ukuba kunokuqaliswa kwakhona ukunkinkishwa kombane, oko kunganegalelo ekulibazisekeni kokuveliswa kwamacwecwe ii-*blue plaques*. Izikolo kufuneka zingenise izicelo zazo ngexesha elichanekileyo.

## 4. Iindidi zamacwecwe

4.1 Iindidi zamacwecwe neekhrayitheriya zesikhumbuzo zilolu hlobo lulandelayo:

(a) Iminyaka yobudala besikolo (masibe neminyaka engaphaya kweyi-125 ukuze sikufanele ukuwongwa).

(b) Isakhiwo esibalasele gqitha ngendlela esakhiweyo ngayo (umz. Isikolo esakhiwa ngumyili wezakhiwo (*architect*) obalaseleyo, isimbo sokwakhiwa kwesakhiwo, njl.).

(c) Ukuphumelela kwesikolo ngokuthubeleza phantsi kweemeko ezinzima (umz. ngethuba leMfazwe yaseMzantsi Afrika, ngethuba lemithetho yocalu-calulo,

yokufuduswa kwabantu ngenkani, ngendima yaso kwidabi lokulwela inkqubo yedemokhrasi, ngethuba lokwehla kwentlekele yezendalo, njl. njl.).

(d) Umfundi okanye utitshala wexesha elidlulileyo obalaseleyo (makaxelwe ngegama yaye makabe wasweleka).

(e) **Inkonzo yesikolo ebalaseleyo** eyenzelwe abahlali (umz. sisikolo sokuqala sasekuhlaleni, igalelo kwimfundo eneemfuno ezizodwa nasekuphuculeni umgangatho wabahlali njl.).
**Eli wonga alifumaneki lula.**

(f) Isikolo esivaliweyo, kodwa nakuba kunjalo, sadlala indima ebaluleke gqitha kwezemfundo.

4.2 Izikolo zinokufumanisa ukuba zifaneleke kumacandelo amaninzi kodwa kufuneka zikhethe udidi **OLUNYE** oluchaza ngokugqwesileyo ezo zinto isikolo sizingca ngazo. Isikolo sinokuwongwa ngecwecwe i-*blue plague* ELINYE ngoko ke udidi olukhethwayo makucingisiswe ngalo ngobulumko.

5. **Izicelo zokulungiselela u-2025**

5.1 Umhla wokuvala ukungeniswa kwezicelo **nguLwesihlanu, we-28 Matshi 2025.**

5.2 Izicelo mazenziwe kwikhompyutha ngokuthumela nge-imeyili ifom yesicelo enikiweyo (isiHlomelo A) nemayingeniswe apha: principal@centreforconservation.co.za okanye kumququzeleli, sigihowes@gmail.com

5.3 Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kunokuqhagamshelwana nenqununu ye-*Centre*, uMnu Anton Fortuin, kwinombolo yefoni **021 762 1622**.

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-A MEYER
**USEKELA-MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA**: 2025-01-30